NATURAL JUSTICE

# IZIXHOBO

# ZENTATHONXAXHEBA YOLUNTU

***Ukuveza izimvo malunga neeMvavanyo zeziPhumo zokusiNgqongileyo (EIA) ngokujoliswe kwiiprojekthi zeoli nerhasi***

## Unelungelo lokuveza izimvo zakho ngale nkqubo.

Ukubhola ukuze kukhangelwe ioli nerhasi kumhlaba okunxweme loMzantsi Afrika kungachaphazela izinto eziphila elwandle, amanzi olwandle nendlela uluntu oluhlala enxwemeni eluphila ngayo neluzenzela ngayo iindlela zokuphila. Umthetho waseMzantsi Afrika unika bonke abantu abanomdla nabachaphazelekayo (iiIAP), kuquka uluntu, ilungelo lokuba noluvo kwaye lwabelane ngeengcinga zalo malunga nendlela olunokuchaphazeleka ngayo koku.


Ngaphambi kokuba naluphi na uphengululo okanye ukubhola kube nokuqalisa, iinkampani kufuneka zifumane uGunyaziso lwangokusiNgqongileyo (iEA). Le nkqubo iquka uVavanyo lweziPhumo zokusiNgqongileyo (EIA), nethi maxa wambi ibizwe ngokuba luVavanyo lweziPhumo eNtlalweni nakokusiNgqongileyo (ESIA).

Ngokuxhomekeke kwiprojekthi leyo, iEIA ingaqulatha uvavanyo olusisiseko okanye uvavanyo olunobunzulu nangakumbi (isigaba 1 & 2):

1. ISigaba sokuHlola ubuBanzi boMsebenzi; kunye
2. neSigaba soVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo naseNtlalweni (ESIA).

**Ngelixa lazo zozibini ezi zigaba, esisisiseko neso sinobunzulu nangakumbi, kuza kubakho isimemelelo sokuba kungeniswe izimvo.**

**Esi sikhokelo siza kukubonisa ukuba kwenziwa njani.**




IVELISWE KWEYOMSINTSI KU2025

NATURAL JUSTICE

The Green Connection

# UVavanyo lweZiphumo kokusiNgqongileyo

**Inkqubo yoVavanyo lweZiphumo kokusiNgqongileyo (EIA) iqinisekisa ukuba iziphumo ezinokubakho ngenxa yeprojekthi ethile ziyavavanywa ngokupheleleyo ngaphambi kokuba naluphi na uphengululo okanye uveliso lweoli nerhasi luqalise. Olu lungezantsi lushwankathelo lwamanyathelo aphambili abandakanyekayo.**

INGXELO YOKUHLOLA UBUBANZI BOMSEBENZI NEYEZIPHUMO KOKUSINGQONGILEYO

UKUHLOLA UBUBANZI BOMSEBENZI

**FAKA ISICELO**

⇩

**UKWAZISWA KWE-EIA**

⇩

**UYILO LWENGXELO YOBUBANZI**

(IZimvo zoLuntu kwiintsuku ezingama30)

⇩

**INGXELO YOBUBANZI BOMSEBEZI YOKUGQIBELA**

⇩

UVAVANYO LWEZIPHUMO

**ISIGQIBO NGENXELO YOBUBANZI BOMSEBEZI**

⇩

**UYILO LWENGXELO YE-ESIA**

(IZimvo zoLuntu kwiintsuku ezingama30)

⇩

**INGXELO YE-EIA YOKUGQIBELA**

⇩

**ISIGQIBO** ⇨ **ISIBHENO**

Umthetho ufuna ukuba abafakizicelo beeprojekthi bathethane noluntu lwengingqi ngelixa lenkqubo yeEIA. Iingxelo zokugqibela zeEIA neziquka izimvo zoluntu, zisetyenziswa ngabathathi bezigqibo (urhulumente wengingqi okanye wesizwe) ekubeni bagqibe kwelokuba bayanikezela kusini na ngogunyaziso lweprojekthi leyo ngokujoliswe kokusingqongileyo.

# Oko ongakucinga xa ufaka izimvo

**Iiprojekthi zineziphumo ezingenxa yazo ngqo nezingeyonxalenye yazo ngokungqalileyo eluntwini nakuguquguquko lwemozulu yethu, kwaye kubalulekile ukucinga ukuba zingaba zeziphi ezo ziphumo. Le mibuzo ingezantsi iza kukunceda ekubeni uchonge kwaye ucinge malunga nefuthe lale projekthi kuluntu oyinxalenye yalo.**

**Iindlela zokuziphilisa:** Ingaba le projekthi iza kuyichaphazela njani indlela endiziphilisa ngayo, ingqesho yam okanye ingeniso yam?

**Impilo:** Ingaba le projekthi iza kuba nazo iziphumo kum okanye kwimpilo yoluntu endiyinxalenye yalo?

**Indawo:**

- Ingaba le projekthi iza kuluchaphazela njani ufikelelo lwam elwandle?
- Ingaba ndiza kuloba ngokwesiqhelo kwindawo yale projekthi okanye kuza kufuneka ukuba ndihambele ngaphaya kwendawo yale projekthi ukuze ndifikelele kwiindawo endiqhele ukuloba kuzo?

**Izilwanyana nezityalo zaselwandle nasenxwemeni:** Ingaba imisebenzi yale projekthi iza kuyichaphazela indlela ezithi iintlanzi neentaka zihambahambe kulo mmandla?

**Iinzuzo:**

- Ingaba le projekthi iza kundibonelela mna okanye uluntu endiyinxalenye yalo ngengqesho?
- Ingaba zeziphi izakhono ezifunekayo ukuze uqeshwe?
- Ingaba yingqesho yexesha elide?
- Ingaba zeziphi iinzuzo eza kuza nazo le projekthi eluntwini endiyinxalenye yalo?

**INdlela esiPhila Ngayo:**
Ingaba le projekthi iza kuyichaphazela njani imisebenzi yenu yezenkcubeko nezakwamoya ezinxulumene nolwandle nonxweme?
Ingaba le projekthi iza kubuchaphazela njani ubudlelwane boluntu endiyinxalenye yalo kunye nolwandle?

**UGuquguquko lweMozulu:** Ingaba le projekthi iza kuza neenguqu kwimozulu yethu, kwaye ingaba iza kubuchaphazela njani ubomi bethu bemihla ngemihla nobezizukulwana ezizayo?

**Izizukulwana ezizayo:**

- Ingaba le projekthi iza kubachaphazela njani abantwana bethu nezizukulwana ezizayo?
- Ingaba yintoni indima yam ekukhuseleni iimfuno zabo zezentlalo nezokusingqongileyo?



# Indlela onokwakha ngayo uluvo lwakho

**Akukho zithemplethi okanye zimfuno zandlela ekufuneka wakhe ngayo uluvo lwakho. Lo ungezantsi ngumzekelo wendlela onokwakha ngayo uluvo lwakho.**

1. **Ungubani? Ingaba ubeka uluvo egameni lomnye umntu? Kutheni le nto le Projekthi ikuchaphazela/ibalulekile kuwe?**

**2. Dwelisa ezona nkxalabo zakho ziphambili malunga nale Projekthi uze uthethe malunga nokuba ezi nkxalabo ziye zahoywa okanye kwakhawulelwana nazo kusini na kuthethathethwano noluntu.**

**3. Chaza indlela okholelwa ukuba le Projekthi iza kuyichaphazela ngayo indlela oziphilisa ngayo nendlela eluziphilisa ngayo uluntu oyinxalenye yalo?**

**4. Chaza indlela okholelwa ukuba le Projekthi iza kuchaphazela ngayo ufikelelo nosetyenziso lwakho lolwandle, nendlela eza kuchaphazela ngayo ukuhambahamba kwezilwanyana (iintaka, iintlanzi, njalo njalo).**

**5. Ukuba zikhona naziphi na, chaza iziphumo ezihle ocinga ukuba le Projekthi iza kuba nazo kuluntu oyinxalenye yalo?**

**6. Chaza indlela okholelwa ukuba le Projekthi iza kuyichaphazela ngayo imveli yakho yezenkcubeko nezakwamoya ukuba iye yaqhubekeka.**

**7. Chaza ukuba uthethathethwano noluntu belwenziwe ngolwimi oluvayo kusini na nokuba luye lwakunceda kusini na ekubeni uqonde ukuba le projekthi ingantoni. Ingaba kuye kwaxoxwa nani ngeziphumo ezihle nezibi?**

**8. Naziphi na ezinye izimvo okanye iinkxalabo**

Igama: ________________________________________
Indawo/Ummandla: _________________________
Idilesi: ______________________________________
Inombolo yomnxeba: _______________________________________
I-imeyile: ________________________________________

Utyikityo

___________________

Umhla

____________________